SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



**IMIYALELO NENGCACISO**

Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uqalise ukuphendula imibuzo.

1. MUSA ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Yiya kwiphepha lesiqulatho elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo uze ukhethe leyo ufuna ukuyiphendula.

2. Eli phepha linamaCANDELO amaNE:

   ICANDELO A: Inoveli (35)
   ICANDELO B: Idrama (35)
   ICANDELO C: Amabali amafutshane (35)
   ICANDELO D: Isihobe (35)

3. Phendula imibuzo emiBINI kumacandelo amaBINI, ngolu hlobo:

   ICANDELO A: INOVELI
   Phendula umbuzo kwinoveli oyifundileyo.

   ICANDELO B: IDRAMA
   Phendula umbuzo kwidrama oyifundileyo.

   ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE
   Phendula imibuzo esetwe kumabali amafutshane omaBINI.

   ICANDELO D: ISIHOBE
   Phendula imibuzo esetwe kwimibongo yomiBINI.

   Sebenzisa itshekhlisti ukuzincedisa.

4. Landela imiyalelo esekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngononophelo.

5. Nombola iimpendulo zakho kanye ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

6. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

7. Sebenzisa imizuzu engama-75 KWICANDELO NGALINYE.

8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.



SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



**IPHEPHA LESIQULATHO**

Eli phepha liza kukunceda ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

| | | |
|---|---|---|
| **ICANDELO A: INOVELI**<br><br>**Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwinoveli oyifundileyo.** | | |
| **INANI LOMBUZO** | **AMANQAKU** | **IPHEPHA** |
| 1. *Kusa Kusihlwa* | 35 | 5 |
| 2. *Umqol' uphandle* | 35 | 9 |
| 3. *UMonwabisi* | 35 | 12 |
| **ICANDELO B: IDRAMA**<br><br>**Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwidrama oyifundileyo.** | | |
| 4. *Ndiyekeni* | 35 | 15 |
| 5. *Inzala YamaRhamba* | 35 | 19 |
| **ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kumabali amafutshane.** | | |
| 6.1 'Itutu laseTikitiki' | 18 | 23 |
| 6.2 'Umntu akalahlwa' | 17 | 25 |
| **ICANDELO D: ISIHOBE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kwimibongo.** | | |
| 7.1 'Nyakandini we-1994' | 18 | 27 |
| 7.2 'USEK Mqhayi' | 17 | 29 |



SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



**ITSHEKHLISTI**

**Qaphela: Phendula imibuzo emibini kumacandelo amaBINI.
Phawula (√) amacandelo owakhethileyo.**

| ICANDELO | IINOMBOLO ZEMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDU-LWAYO | PHAWULA (√) |
|---|---|---|---|
| A: Inoveli<br><br>(*Kusa Kusihlwa*)<br>(*Umqol' uphandle*)<br>*(UMonwabisi)* | 1–3 | 1 | |
| | | | |
| B: Idrama<br><br>(*Ndiyekeni*)<br>*(Inzala YamaRhamba)* | 4–5 | 1 | |
| | | | |
| C: Amabali amafutshane<br><br>('Itutu laseTikitiki')<br>('Umntu akalahlwa') | 6.1 + 6.2 | 1 | |
| | | | |
| D: Isihobe<br><br>('Nyakandini we-1994')<br>('USEK Mqhayi') | 7.1 + 7.2 | 1 | |

**QAPHELA:** Qinisekisa ukuba uphendule imibuzo kumaCandelo amaBINI kuphela.

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ICANDELO A: INOVELI

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi noveli zilandelayo:

- *Kusa Kusihlwa* nguKS Bongela
- *Umqol' uphandle* nguMAP Ngani
- *UMonwabisi* nguZA Japhta

Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwinoveli oyifundileyo.

### UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 1.1 noMBUZO 1.2.

1.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA A**

Njengoko bekukho ishishini kuloMpumelelo, kodwa uyise uthe makazifunele owakhe umsebenzi ngeholide ukwenzela ukuba aqhele ukuzisebenzela. Eyokusebenza kwakhe kokwabo wayeyenza ngekhefu lakhe.

Ngazo zonke iiholide wayesebenza eClairwood kumzi wokwenza iswekile, iHuletts. Ebephangela kusasa abuye ngorhatya. Imali ayifumeneyo wayecinga ngokuyivalela nanjengokuba wayeqeqeshwe njalo nguyise. Kaloku wayengayifuni into yokuba umntwana ahlafaze nje ngemali athenge imvuthuluka. Nokumyeka asebenze kude neshishini eli lakhe uyise wayemqhelisa kwinto yokuba angazicingeli ukuba le venkile yakokwabo seyiyeyakhe.

Ukuza kuthi xhaxhe kwesi sithuba besekuqengqeleke iinyanga ezininzi kakhulu ukususela oko uyise kaMpumelelo wangena kulo msebenzi mtsha wokujikeleza ukufuna amalungu okuqinisekisa ngobomi bawo.

Wakumkhangela ngeliso lo mfo ubunokuphawula ukuba ngathi noko ezi ngcinga anazo ngalo mzi wakhe azimenzi nto ncam kuba usuke <u>wayimbishimbishi</u> ngenxa yesisu esikhulu nesiqu, into ekufaneleka ngathi yayidalelwe kwimpahla yasemlungwini.

Yinto elihomba le ethi ukunyathela oku ibe ngathi umhlaba iyawucenga ukuba ungadiliki phantsi kwesi siqu sayo sihle. Kubonakala ukuba ngumfo owunonophelayo umsebenzi wakhe kuba nalapha sesimbona ekumaqhuzu aphezulu ngenxa yokunyuselwa. Eli nqanaba afikelele kulo lenze ukuba ifem le imnike imoto, ne-ofisi yakhe.


SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



1.1.1 Xela ukuba wayesenza ntoni uMpumelelo eClairwood Corporation. (1)

1.1.2 (a) Lisixelela ntoni ngoLungile igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi? (2)

(b) Xela ukuba lizisa owuphi umfanekiso-ngqondweni. (1)

1.1.3 Ngqina ngolwazi olusencwadini ukuba uNomakhwezi wayengakuthandi ukuncedisa kukaThamsanqa evenkileni. (2)

1.1.4 Xela izinto zibe MBINI ezazithethwa nguNozililo ezazibonakalisa ukuba wayeyilwela into yokuba ivenkile ibe yeyakwaNtsibande. (2)

1.1.5 Xela isiganeko esabangela ukubhubha kwabazali bakaMpumelelo nesiphumo sokubhubha kwabo kuMpumelelo.
Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Isiganeko (1)

(b) Isiphumo saso kuMpumelelo (2)

1.1.6 Cacisa indima kaMpumelelo ekuphuhliseni uluntu lwaseLusikisiki. (2)

1.1.7 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli uze uyixhase.

UNozililo ungumlinganiswa (osicaba/ongqukuva) kule noveli. Xhasa impendulo yakho. (3)

1.1.8 Nika umxholwana ovelayo kwesi sicatshulwa. (2)

**KUNYE**



SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



1.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA B**

'Into engcono, guys, kukuthumela uLizzie abe kule way yokumbungezelela neh. Wena ke bra Zet njengechkk yakho uLizzie, wovakalelwa, uyangizwa?'

'Ja, o.k. sweet. And i-ou ngowam uLizzie mayiqiniseke ukuba akaphathwa lelinye ivukuvuku ngaphandle kwam neh.' Iye loo mbizwana yachithakala kwangenwa endlwini.

Umdaniso ube shushu emva kweentetho ezenziweyo. Kwalile ethubeni kwesuka enye inzwakazi eyayinxibe kakuhle gqitha yaya kuGqirha Ntsibande izele luncumo yafika yamcela ukuba badanise. Omnye uthe akulijonga eli nenekazi wabona ukuba akanakwala. Kuthathenwe kwangushixishixi shim jike kudaniswa. UMpumelelo uye wancokola elijonge ntsho eli nenekazi. Nalo lutsho ngolugoso uncumo selimane litshawuza loo mehlo akhophozayo lakujongwa nguMpumelelo. Kuye kwavakala ukungongoza kovalo lubetha esifubeni sikaMpumelelo luvela kweli nenekazi.

Ingqondo yalo ibiphala, ithi ingapha ibe ingapha.

'Noko ingasisono ukuba ndingabulalisa onje yena umfana. Kungokuba mna ndingaba ndisisidenge bethu <u>xa ndinokuzizamela ukuba ndimfumane</u>, ndiyeke eli xwakuxwaku linguZet. Khawucinge nawe, ugqirha nomahlalela wotsotsi,' zihambe zanjalo iingcinga zeli nenekazi intliziyo ibetha, nomzimba ubaleka igazi. Kuthe xa kujikelwa okwesihlanu kwakho umntu onxibe ikepusi nongaqhinanga nonganxibanga kakuhle osuke weza ngqo kooMpumelelo, wafika wamthi mpa mpa emagxeni ethetha ...

1.2.1 Ngubani othenge ooZet ukuba beze kubulala uMpumelelo? (1)

1.2.2 Xela injongo yeli theko liqhubeka apha. (2)

1.2.3 Ewe okanye Hayi. Yaphumelela injongo yokuza kooZet kweli theko? Xhasa impendulo yakho ngolwazi olusencwadini. (2)

1.2.4 Ingaba uLizzy ukwenzile oku kuthethwa kule nkcaza ikrwelelwe umgca ngaphantsi? Xhasa impendulo yakho ngolwazi lwebali. (2)

1.2.5 Xela izenzo zikaThamsanqa zibe MBINI ezibonisa ukuba wayeyigadile impilo kaMpumelelo. (2)

1.2.6 Ngqina ngolwazi lwebali ukuba impixano ephakathi komzi wakwaMakhwetshu nowakwaNtsibande yimpixano yangaphandle. (2)

1.2.7 Siyakholeleka okanye asikholeleki isimo somlinganiswa onguNozililo kule noveli? Xhasa impendulo yakho. (2)


SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



1.2.8 Xela impazamo ayenzileyo uNomakhwezi kweli bali, uze ucacise indlela eye yabuchaphazela ngayo kakubi ubomi bakhe.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Impazamo eyenziwe nguNomakhwezi. (1)

(b) Indlela eye yabuchaphazela ngayo kakubi ubomi bakhe. (2)

1.2.9 Nika uphawu lube luNYE olubonisa ukuba le ncwadi yinoveli. (1)
**[35]**



SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



**UMBUZO 2: *UMQOL' UPHANDLE* – MAP Ngani**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 2.1 noMBUZO 2.2.

2.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA C**

Kwakusekuyiveki yonke sidlule isihelegu sokufa kukaEddie noLulama. Iintsimbi zaloo mhla zazisukela eyesibhozo, ngokuhlwa. Kuloo ntsunguzi yobusuku inqwelo yomfo kaHlobo yabetha kuhle, ivunguza kwimihlaba engazanga iyihambe ngaphambili. Yayihamba kwimpengempenge yendawo engenazo nezikhanyiso zombane. Yafika yee xhungu ndaweni ithile, zacinywa izibane. Phambili phaya, yayiligongqongqokazi elikhulu lendlu endala, enesithinzi, yakhiwe ngamatye, ngezinwe zamaxesha oobaw' omkhulu.

Igorha elivunyiweyo lomcuphi likhe labuthingaza, lingaqondi nokuba koba bubulumko na ukungena ngaphakathi. Uthe makakhe avule ucango, aphulaphule. Ingxolo eyayilapho! <u>Yayiyingxokolo</u> nje - ingamazwi adokodoko nenzwinini yamazwi atswinayo; iyintsini engathi iphuma kubantu abaphungulekileyo; ingumdudo wamasele ngokwenene kuculwa iingoma ezingadibaniyo. Yavuka yema ngeenyawo intaka kumfo kaHlobo.

Ngelinini uzinikele umf' omkhulu. Uthe ukungena, wanga uyadutyulwa, ngelakhe esithi uqweba isibindi. Ugangwe esangena lifuqasi elibi levumba lotywala elimtsarhe kwanzima ukuhambela phambili. Kwakucacile ukuba ungene endlwini ehlanganise iingedle zodwa. Isisi seenqawa nemidiza sasisesidale iingqimba zamafu azulazula ngokungathi aswele indawo angazinza kuyo kuloo ndlu imoya ufume wada wanomnyama ngenxa yokukhanya okuluzizi kwesibane esasilwilwizela esazulwini, entungo. Uthe esajongene naleyo, kwangenelela isiyezi esatsho zacim' izibane kuye, kwee lwili, akabona. Yazula intloko sisizunguzane.

2.1.1 Xela ukuba wayezokwenza ntoni uHlobo kule ndawo akuyo. (1)

2.1.2 (a) Lisixelela ntoni ngokwakusenzeka eholweni igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi? (2)

(b) Xela ukuba lizisa owuphi umfanekiso-ngqondweni. (1)

2.1.3 Ngqina ngolwazi olusencwadini ukuba kukho abantu ababeququzelela ukuba uLinda asinde kwisigwebo sentambo awayejongene naso. (2)



SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



2.1.4 Xela zibe ZIBINI izenzo ezenziwa nguJoe Bumba ezazibonakalisa ukuba wayengumhlobo uEddie. (2)

2.1.5 Xela isiganeko esabangela ukumiswa kwetyala lokubulawa kukaEddie elaliza kuchotshelwa yijaji eMonti nesiphumo sokumiswa kwalo kuLinda.
Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Isiganeko (1)

(b) Isiphumo saso kuLinda (2)

2.1.6 Cacisa indima yamalungu ase*Moonglow Night Club* ekwenzeni ukuba uLinda abe ngumrhanelwa kwityala lokubulawa kukaEddie noLulama. (2)

2.1.7 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli uze uyixhase.

UThembisa Ntlokonkulu ungumlinganiswa (osicaba/ongqukuva) kule noveli. Xhasa impendulo yakho. (3)

2.1.8 Nika umxholwana ovelayo kwesi sicatshulwa. (2)

**KUNYE**

2.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA D**

Ukuba ngujobela oyedwa phakathi kwenyakanyaka yabafazi kwivenkile ethengisa impahla yabafazi kuphela, yimeko eyamtsho okaHlobo ngenye intsasa wagubungeleka. Ezi mazi zolusu wayegilana nazo zazikwaFemina House, eMonti. Waqonda loo mini ukuba abafazi aba zizithandakwazi, abantu abangakwazi mpela ukuzigcinela iintakumba zabo, bayeke ezabanye. Bonke babemthe ntshoo ngamehlo athethayo, amehlo angathi anombuzo - 'Ufuna ntoni apha uyindoda nje?'

Wabangatshonela ngapha, ejonga nayiphi na into ngomdla, balinde nje adlule kuyo, bayokungungelana bonke kuyo, akudlulela kwenye itafile, bamlandele. Abanye babede bazixhome, bazigqatse ngelithi bangamnceda ukuba unento emxakileyo afuna ukuncedwa ngayo. Waphawula ukuba ubesithi akululandula olo ncedo, izale indlu ngamahumhum, kuthethwa ngaye, kusalathiswana ngaye. Wona umzimba wawumxelela ukuba uyahletywa. Eyayicacile yeyokuba babemangaliswe kukubona indoda engangaye iyiphengulula ngobunono ivenkile yamabhinqa (wayekumashumi amane ubudala, <u>usokadala wokwenene</u>.

Omnye wada wazibuzela: 'Ufuna ntoni kanye?'


SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



| | |
|---|---|
| Waphendula urheme: 'Ndifuna into eyoba sisipho kumfazi wam kumgidi endiza kuwenza wokukhumbula umhla wokuzalwa kwakhe, ukwangumhla esatshata ngawo.' Ezo ndaba zathatyathwa ngesikhawu ukuya kugalelwa kwabanye abafazi. Yeka ke iintetho emva koko! Wamana eqhawulisa kwababethethela phezulu, phofu bengabhekisi kuye – Omnye, 'Inethamsanqa loo nkazana, mfazindini ...' | 20 |

2.2.1 Ngubani elakhunjulwayo igama lakhe ngabasebenzi *baseFemina House* kubantu ababini ababethenge ibhatyi eluhlobo lwe*mink coat*? (1)

2.2.2 Xela injongo kaHlobo yokuza kule venkile. (2)

2.2.3 Ewe okanye Hayi. UHlobo ukwazile ukulufumana ulwazi awayeze kulufuna kule venkile. Xhasa impendulo yakho ngolwazi olusencwadini. (2)

2.2.4 Ingaba iyinyani ngokubhekiselele kuHlobo le nkcaza ikrwelelwe umgca ngaphantsi? Xhasa impendulo yakho ngolwazi lwebali. (2)

2.2.5 Xela izenzo zamalungu ase*Moonglow* zibe ZIBINI ezibonisa ukuba ayenyolukele imali. (2)

2.2.6 Ngqina ngolwazi lwebali ukuba wabanempixano yangaphakathi uHlobo emva kokundwendwelwa nguDuma Hlelo e-ofisini yakhe. (2)

2.2.7 Siyakholeleka okanye asikholeleki isimo somlinganiswa onguDuma kule noveli? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.2.8 Xela impazamo ayenzileyo uLinda Monti kweli bali, uze ucacise indlela eye yabuchaphazela ngayo kakubi ubomi bakhe.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Impazamo eyenziwe nguLinda Monti. (1)

(b) Indlela eye yabuchaphazela ngayo kakubi ubomi bakhe. (2)

2.2.9 Nika uphawu lube luNYE olubonisa ukuba le ncwadi yinoveli. (1)

**[35]**



SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



**UMBUZO 3: *UMONWABISI* – ZA Japhta**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 3.1 noMBUZO 3.2

3.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA E**

Ekubuyeni kwakhe eKapa waya kwiqumrhu le 'Xhosa Development Corporation' elalisekelwe ukuncedana nabaNtsundu abafuna ukungenela ezoshishino kwelo phandle lalisaziwa njengeTranskei. Ngemalana awayeyiqokelele kwamlungu waqesha loo venkile yakhe, ekwathi emva kwethuba emana ukuyihlawula wayinikezelwa yaba yeyakhe. Ebuya nje eKapa wayesele enayo inkosikazi, eyayiyintombi yakwaLumbe eTsomo. Yona yayiye apho eKapa ngokuya kuqeqeshelwa ubongikazi kwezo zibhedlele zalapho. Bebuya nje eKapa bebesele belizwe ngomntwana oyintombazana, uHlubikazi …

Kuthe kuba uThandabantu lo wayebathanda ngenene abantu engazenzisi, kwaye <u>eyimvuzemvuze</u> engakhethiyo, kwazala kwakhe. Yayingulowo nalowo eze kunxusa apho kwakhe. Kwathi ke kuba ebenguvul' indlela ngelo xesha, beza kuye bonke abantu bejonge ukuvuna kuthile kuye kuba ibingaqhelekanga ingaziwa into yoNtsundu owongamele elakhe ishishini. Naye ke akazange abe nasingqukru ngaloo mbizelane wakhe, wayefak' int'wetyiwayo akugqiba akhombe endimeni. Kungoko ke engazange adinge bantu bokumncedisa kwelo shishini lakhe, kuba ingulowo wayesithi akuhlutha afune ukubonakalisa umbulelo. Kambe babeqala njalo suka aphele umntu sele engowalapho, engothembekileyo. Kwaye ke nomsebenzi wawunqabile kwaMlungu, abamhlophe bengahleki ngepasi labo, benyanzelisa abaNtsundu kuloo maphandle babewachongele bona. UMamTolo, inkosikazi yakhe, ngethamsanqa nayo ayizange ibone siphene kolu sapho lunwenwayo …

3.1.1 Xela ukuba lalisekelwe ntoni iqumrhu le 'Xhosa Development Corporation'. (1)

3.1.2 (a) Lisixelela ntoni ngoThandabantu igama likrwelelwe umgca ngaphantsi? (2)

b) Xela ukuba lizisa owuphi umfanekiso-ngqondweni. (1)

3.1.3 Ngqina ngolwazi olusencwadini ukuba kukho abantu ababengayithandi into yabantu ababehlala bekwasebenza kwaThandabantu. (2)

3.1.4 Xela izinto zibe MBINI ezazibonakalisa ukuba uMamTolo umphethe kakubi uMonwabisi. (2)

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



3.1.5 Xela isiganeko esabangela ukubhubha kukaGcinumzi nesiphumo sokubhubha kwakhe kuThandabantu.
Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Isiganeko (1)

(b) Isiphumo saso kuThandabantu (2)

3.1.6 Cacisa indima kaThandabantu ekuphuhliseni ulutsha lwaseNtshiqo. (2)

3.1.7 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli uze uyixhase.

UMamTolo ungumlinganiswa (osicaba/ongqukuva) kule noveli. Xhasa impendulo yakho. (3)

3.1.8 Nika umxholwana ovelayo kwesi sicatshulwa. (2)

**KUNYE**

3.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA F**

Ngoku kufikelele ixesha lokuba uphumze utata wakho uthabathele kuwe ulawulo lwala mashishini akhe. Ukuthathela ulawulo lwawo akuthethi ukuba ngoku ungenza nantoni ova uyifuna ngawo. Ukuba ubundimamele, imibuzo yam sisaqala ukuthetha bendifuna ukubona ukuba unako na ukuluthwala olu xanduva luza kuwe.

Ngoku nguwe oza kungalali ngenxa yomsebenzi, nguwe oza kugxekwa xa kukho okungahambi kakuhle. Ngoku kumhla wohlukeneyo nabahlobo nolonwabo neziyolo. Ngoku ungusomashishini, ungumzali, uyinkokeli, ungumhluzi wokulungele nokungalungele la mashishini kayihlo. Ngoku nguwe thina esakuthi udlalise wachitha intsebenzo yeminyaka kaThandabantu. Andikuyali, ndingayoleli Monwabisi, nto nje ndifuna ukukubonisa ubungakanani bomsebenzi osemagxeni akho xa sukuba uthabathela kuwe ulawulo lwezakhiwo zikaSihlunu. Ngokokubhala phantsi yena uzinikezela kuwe ukuba uzilawule, kodwa ngokwesiNtu wona ase ngawakhe, akukho nto iguqukileyo, oku sikwenzayo kukulungiselela nje iimfuno zomthetho.

<u>Nasiphi na isigqibo othi usithathe kusafuneka uze naso apha kuye kuqala</u>. Kwaye nam mfo ndikhona ndikujongile nokuba ndakube ndikwakhele umkhanya na. Nawe ke yihlo ungonqeni ukuza kum nanini na apho ufumana ubunzima. Besisaya kuqhuba njalo noyihlo lo, ngumnqweno wam ke Monwabisi ukuba nathi singaqhuba njalo.

3.2.1 Ngubani igama lomlinganiswa othetha noMonwabisi? (1)

3.2.2 Xela injongo yale ndibano iqhubeka kwisicatshulwa. (2)

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



3.2.3 Ewe okanye Hayi. UMonwabisi ukwazile ukuluthwala olu xanduva anikwalona. Xhasa impendulo yakho ngolwazi olusencwadini. (2)

3.2.4 Ingaba uMonwabisi ebehleli ekwenza oku kuthethwa kule nkcaza ikrwelelwe umgca ngaphantsi? Xhasa impendulo yakho ngolwazi lwebali. (2)

3.2.5 Xela izenzo zikaThandabantu zibe ZIBINI ezibonisa ukuba umkhulise njengomntwana wakhe uMonwabisi. (2)

3.2.6 Ngqina ngolwazi lwebali ukuba wayenempixano yangaphakathi uThandabantu ngexesha asesibhedlele. (2)

3.2.7 Siyakholeleka okanye asikholeleki isimo somlinganiswa onguMonwabisi kule noveli? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.2.8 Xela impazamo ayenzileyo uThandabantu kweli bali, uze ucacise indlela eye yabuchaphazela ngayo kakubi ubomi bakhe.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Impazamo eyenziwe nguThandabantu. (1)

(b) Indlela eye yabuchaphazela ngayo kakubi ubomi bakhe. (2)

3.2.9 Nika uphawu lube luNYE olubonisa ukuba le ncwadi yinoveli. (1)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



**ICANDELO B: IDRAMA**

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi drama zilandelayo:

- *Ndiyekeni* nguDM Jongilanga
- *Inzala YamaRhamba* nguM Mlokoti

Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwidrama oyifundileyo.

**UMBUZO 4: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 4.1 noMBUZO 4.2

4.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA G**

*(Zaqhuba iindibano zempelaveki kwaFuneka. UMawonga akasanunuswa ngotywala ngoku, ububiza ngokwakhe. Akasathengelwa ngoku, ubetha kuye esipajini. Ngale mini simbona encokola noZanele kwaFuneka.)*

ZANELE: Kunjani ngeti papa? O! Ngendikwenzela ubonanje, siyawa asinaswekile apha. Inyanga xa ithambekile ngolu hlobo sima kakubi.

MAWONGA: Kutheni *sweetie* akunawo nomncono lo?

ZANELE: Kaloku papa imali kuthi ayivumani nesipaji. *(Atsho emnyusa isilevu amange.)*

MAWONGA: Ina sweetie, thuma umntwana *(Amnike imali.)*

ZANELE: Tshotsh' ubekho papa, *(Amange okwesibini, aphakame esiya kuthuma umntwana, abuye angene.)*
Bekunjani ngoMgqibelo papa?

MAWONGA: Arha, sana, ndive into embi wakungabikho. Bendililolo nje.

ZANELE: Ungazidubi wena, kule veki ndiza kubakho ndahlukene nokuphangela ebusuku.

MAWONGA: Besendingxamele ukubhekabheka.

ZANELE: Tyhini ntombi! Kodwa akubuyanga walama?

MAWONGA: Andikahlangani nesikhukula okwesibini.

ZANELE: Ndazi phi na wethu njengokuba nje kwezi pati ninyiba izinto zabantu?

MAWONGA: Kutheni na namhlanje akuzithembanga?

ZANELE: Ukungazithembi yenye into ookhetshe noontloyiya bazungulana neenkedama zamantshontsho.

MAWONGA: Amehlo am akagqobhozi kuwe Zan. Kuya kubanjalo de kufiwe.

ZANELE: Ligwiba lawo onke amadoda elo. Makhe ndiye kwenza iti.
*(Emva kweti kulandele angatshiyo atshisa umntu kuphela. Uthe umfo akuthi mmfo kamnandi uZanele wamfundela enye incwadi.)*

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



4.1.1 Khetha impendulo ibe NYE kwezi zingezantsi. Kwidrama intetho yoyedwa (isolilokhwi) kuxa ...

A umlinganiswa ethetha bucala bengamva abakhoyo.
B umlinganiswa ethetha yedwa emaphupheni elele.
C iyintetho ende yomlinganiswa bekho abanye.
D umlinganiswa ezithethela eyedwa bengekho abanye. (1)

4.1.2 (a) Lisixelela ntoni ngoMawonga noZanele igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi? (2)

(b) Xela ukuba lizisa owuphi umfanekiso-ngqondweni. (1)

4.1.3 Ngqina ngolwazi olusencwadini ukuba uZanele wayehleli ekunqwenela ukuthandana noMawonga. (2)

4.1.4 Xela izizathu eziBINI awathi uFuneka zenza ukuba uMawonga abe yeyona ndoda afanele ukuthandana nayo uZanele. (2)

4.1.5 Xela isiganeko esabangela ukuba uNdila agxothwe esikolweni nesiphumo saso kubudlelwane bakhe noMawonga

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Isiganeko (1)

(b) Isiphumo saso kubudlelwane bukaNdila noMawonga. (2)

4.1.6 Cacisa indima kaMadala ekungeneni kukaMaziko kwisikhundla sokuba yinqununu. (2)

4.1.7 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli uze uyixhase.

UMaziko ungumlinganiswa (osicaba/ongqukuva) kule drama. Xhasa impendulo yakho. (3)

4.1.8 Nika umxholwana ovelayo kwesi sicatshulwa. (2)

**KUNYE**



SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



4.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA H**

*(Sibona uFuneka noZanele bencokola endlwini yabo akuba uMawonga ephelelwa ngumsebenzi.)*

| | |
|---|---|
| FUNEKA: | Mfo kabawo ezilumkileyo zitya zibeka ukuze zithi akwaphusa uxam, zitshone emngxunyeni, zixel' imbovane. |
| ZANELE: | Hayi mntakabawo iliwa libhek' umoya. |
| FUNEKA: | Ngubani othathe indawo kaMawonga? |
| ZANELE: | Lichelezi apha uMaziko. |
| FUNEKA: | Yeka umntwana womntu wethu. Kukh' ukuthini wethu? Kubethw' iintonga kulo mhlaba asazi phesheya kwengcwaba. |
| ZANELE: | Umgibe obambisa ngawo unqakulwa kwanguwo uthiywe bantu bambi. Makalumke noMaziko. |
| FUNEKA: | Umthiyi usoloko elibaze kanobom iliso lakhe ekuphambeni imigibe. Ezidluleyo zidlule, zishiywa apho kubethelwe mgama. |
| ZANELE: | Lilonke uthi efileyo ayanyiwa mathole yebhonxileyo ephilisayo. |
| FUNEKA: | Uliva kakuhle. |
| ZANELE: | Kodwa ndingathini ukumenza loo nto uMawonga? |
| FUNEKA: | Akuyazi into owawuzokuyenza apha eMonti? |
| ZANELE: | Ndiyazi nqo mtshan' am. |
| FUNEKA: | Ukuba uyiloo mbo yondla amadoda akuzi kulunga. Amadoda adalelwa ukondla. |
| ZANELE: | Hayi ntombi musa ukude wolule, ndinqena nje ukulahla imbo yam ngophiyana. |
| FUNEKA: | Kulunge kanye uphoyiyana xa imbo inyanyeka; ngaphezulu ndikholwa apha kule ndlu ziintaka ezibekayo. *(Nkqo! Nkqonkqo!)* |
| FUNEKA: | Nguye lowo, kokwesihlanu kule veki simondla engatsitsinto. Zimela phaya ewodrophini umyekele kum. *(Azimele angene uMawonga)* Ngena. |
| MAWONGA: | Hallow mtshana. |
| FUNEKA: | Mh! |
| MAWONGA: | Kutheni na namhlanje? Waphusile uxam? |
| FUNEKA: | Kaloku kuhlwa kusisa iyileyo imini inezayo. Ndingakwenzela ntoni? |
| MAWONGA: | Uphi uZan? |
| FUNEKA: | Oko ebeye edolophini akakabuyi. |
| MAWONGA: | Awu! Ziziphi ezi venkile zivula de kubethe intsimbi yesine ngoMgqibelo? |

4.2.1 Ngubani lo xam waphusileyo uFuneka athetha ngaye? (1)

4.2.2 Yayiyintoni injongo kaMaziko yokundwendwela kwaNdila emva kokuba uNdila egxothiwe emsebenzini? (2)

4.2.3 Ewe okanye Hayi. UFuneka uphumelele ukwahlukanisa uZanele noMawonga. Xhasa impendulo yakho ngolwazi olusencwadini. (2)

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



4.2.4 Nika iimpawu zibe MBINI zencwadi eyidrama. (2)

4.2.5 Xela izizathu eziBINI ezazibekwa nguMaziko zokuba uMawonga ufanele ukukhutshwa kwisikhundla sobunqununu. (2)

4.2.6 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Umsebenzi (weendima/wezalathisi zaseqongeni) kwincwadi eyidrama kukwahlula amanqanaba esakhiwo sebali. (1)

4.2.7 Siyakholeleka okanye asikholeleki isimo somlinganiswa ongu-Thandiwe kule drama? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.2.8 Xela impazamo ayenzileyo uMawonga kulo mdlalo, uze ucacise indlela eye yabuchaphazela kakubi ngayo ubomi bakhe.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Impazamo eyenziwe nguMawonga. (1)

(b) Indlela eye yabuchaphazela ngayo kakubi ubomi bakhe. (2)

4.2.9 Ngqina ukuba umlinganiswa onguMadala kulo mdlalo umele iqela labantu abathengisa ngenyaniso ngenxa yokuthanda imali. (2)
**[35]**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



**UMBUZO 5: *INZALA YAMARHAMBA* – M Mlokoti**

**QAPHELA:**
Phendula imibuzo esekwe kwiDrama/kwiNoveli oyifundisiweyo kuphela.
Kwincwadi oyifundisiweyo phendula yoMIBINI imibuzo esekwe kuyo.

5.1 Funda esi sicatshulwa soncwadi singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA I**

*Kusezinzulwini zobusuku. KwaThambolenyoka uDina ulele eRoom 8. Kungena uThambolenyoka.*

NYOKA: Nkqonkqo! Nkqonkqo! *(Ebusebeza.)*
DINA: Ngubani lowo! *(Esothuka ebuthongweni.)*
NYOKA: Ndim nguMlungu. Vula sisi ndim *(Esasebeza.)*
DINA: Ngubhutiza? *(Ethe tywa emandlalweni, ecubhuke onke amalungu omzimba.)*
NYOKA: Ewe sisi ndim.
DINA: Akutshixwanga ngena bhutiza.
NYOKA: *(Engena)* Hayi bo, sowulele na ntombi?
DINA: *(Ezamla)* Ndisangqengqile bhutiza.
NYOKA: Sana lwam. *(Emwola, emphuza, engqengqa ecaleni kwakhe.)*
DINA: Ewe Bhutiza! Hehehe! ...
NYOKA: Unjani kodwa sana lwam-akhonto?
DINA: Ndiphilile bhutiza akhonto.
NYOKA: Yintoni na wena sana lwam wozela kangaka?
DINA: Kukudinwa bhutiza besonwabile wethu nooSis Yongs.
NYOKA: Kulungile sana lwam-makulalwe ngoku, yimpangelo kusasa. Ibe mna kufuneka ndivuke ndihambe kwangentsimbi yesithathu kusasa apha ngomso.
DINA: *(Ecubhuke umzimba, kunzima nokuphakamisa ingalo)* Hayi bo bhutiza, yintoni ukuvuka kangaka.
NYOKA: Hehehe! Hayi kaloku mna, njengosomashishini wale ndawo, akufuneki ndaziwe apho ndivuka khona. Kungenjalo kungalula ukuba ndigetyengwe.
DINA: Hehehe! Hahaha! – kowu! Andayihleka.
NYOKA: Yintoni, uhleka ntoni?
DINA: Hayi akukhonto bhutiza, ndihlekiswa yile nto uyithethayo. Ndihleka nangokuya ubujayiva phaya, hehehe! Isisu sakho, singasangcangcazeli.
NYOKA: *(Emnyumbaza.)* Ke, yintoni ehlekisayo kuloo nto?
DINA: Hayi wethu bhutiza yiyeke. Ndicela undombathise apha emagxeni wethu tu, ingalo yam iwile.
NYOKA: Akunakulala phezu kwengubo kaloku, khulula ungene ezingubeni.



SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



5.1.1 Khetha impendulo ibe NYE kwezi zingezantsi. Kwidrama intetho yoyedwa (isolilokhwi) kuxa …

A umlinganiswa ethetha bucala bengamva abakhoyo.
B umlinganiswa ethetha yedwa emaphupheni elele.
C iyintetho ende yomlinganiswa bekho abanye.
D umlinganiswa ezithethela eyedwa bengekho abanye. (1)

5.1.2 (a) Lisixelela ntoni ngendlela awayelele ngayo uDina igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa? (2)

(b) Xela ukuba lizisa wuphi umfanekiso-ngqondweni. (1)

5.1.3 Ngqina ngolwazi olusencwadini ukuba uThambolenyoka wayelitshabalalisa ikamva labantwana abangamantombazana. (2)

5.1.4 Xela izinto eziMBINI ezintle ezenzeka kuDina ngethuba eseKapa. (2)

5.1.5 Xela isiganeko esabangela ukuba uDina agxothwe kwaThambolenyoka nesiphumo sokugxothwa kwakhe kuThambolenyoka.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Isiganeko (1)

(b) Isiphumo saso kuThambolenyoka (2)

5.1.6 Cacisa indima kaGxalaba kwicebo likaDina lokutshabalalisa ubukumkani bukaThambolenyoka. (2)

5.1.7 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli uze uyixhase.

UNoyongo ungumlinganiswa (osicaba/ongqukuva) kule noveli. Xhasa impendulo yakho. (3)

5.1.8 Nika umxholwana ovelayo kwesi sicatshulwa. (2)

**KUNYE**



SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



5.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA J**

*(KungoLwesihlanu weveki elandelayo. Kungorhatya kwaThambolenyoka kwigumbi lokuselela amanenekazi, uDina uchophe kwindawo yakhe yesiqhelo kwesinye sezitulo ezisecaleni kwekhawuntala. Kwigumbi elingasemva nguNyoka, Noyongo noNomhase.)*

NYOKA: Khangelani ke manenekazi, yonke into iza kulunga namhlanje, uMkhefa noSdokhwe basendleleni evela eMthatha. Bayeza. Ndigqiba ukuthetha nabo ngoku emnxebeni.
NOYONGO: Hayi kuhle Mlungu.
NOMHASE: Kuhle Mlungu.
NYOKA: Ndifuna ningalibali ke nina nobabini, andifuni ukuba nenze kwanto namhlanje. Ndifuna nigoduke kwangoko niyekuphumla. Ukufika nje kukaMkhefa noSdokhwe, ningakhululeka.
NOYONGO: Kulungile Mlungu.
NYOKA: Sefikile phofu yena laa sathanakazi womntwana?
NOYONGO: Ewe sele ekhona Mlungu. Usandula ukungena khona ngoku. Futhi ufike wenza isimanga angaqhelanga kusenza ke namhlanje.
NYOKA: *(Endweba ephakamisa amashiya)* Wenze ntoni?
NOYONGO: Ufike waya ngqo ekhawuntaleni, wakhomba ibhotile yegrangqa ebhalwe KWV 10 YEAR OLD, wathi makagalelelwe kuyo, wayibetha entloko, kade kakabini.
NYOKA: *(Esothuka)* Hhe!
NOYONGO: Kunjalo Mlungu. Wandula ke wabiza inkonkxa yeCoca Cola, wahlawula wayakuhlala phantsi.
NYOKA: *(Esaxhome amehlo)* Wenze lo nto?
NOYONGO: Kunjalo Mlungu.
NYOKA: *(Ewarhole entloko amehlo ephunguza, engazinzanga konke konke)* Kulungile. Noba ithetha ntoni na lo nto ayinamsebenzi, bayeza ooMkhefa nooSdokhwe basendleleni. Ugqibelisile ukungena kule hotele laa sathanakazi womntwana. Kulungile, ningakhululeka.

5.2.1 Ngubani igama lomlinganiswa ekuxoxwa ngaye kwesi sicatshulwa? (1)

5.2.2 Xela ukuba ingantoni le ngxoxo iqhubeka apha kwesi sicatshulwa. (2)

5.2.3 Ewe okanye Hayi. USdokhwe noMkhefa bakwazile ukuwenza umsebenzi ebebewuthunywe nguThambolenyoka? Xhasa impendulo yakho ngolwazi olusencwadini. (2)

5.2.4 Nika iimpawu zibe MBINI zencwadi eyidrama. (2)

5.2.5 Xela izenzo zikaZanoxolo zibe ZIBINI ezibonisa ukuba umkhathalele uDina. (2)


SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



5.2.6 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Umsebenzi (weendima/wezalathisi zaseqongeni) kwincwadi eyidrama kukwahlula amanqanaba esakhiwo sebali. (1)

5.2.7 Siyakholeleka okanye asikholeleki isimo somlinganiswa onguThambolenyoka kule noveli? Xhasa impendulo yakho. (2)

5.2.8 Xela impazamo ayenzileyo uDina kulo mdlalo, uze ucacise indlela eye yabuchaphazela kakubi ngayo ubomi bakhe.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Impazamo eyenziwe nguDina. (1)

(b) Indlela eye yabuchaphazela ngayo kakubi ubomi bakhe. (2)

5.2.9 Ngqina ukuba umlinganiswa onguThambolenyoka umele udidi lwabantu abangabaxabisanga abantu ababhinqileyo. (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**



SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kula mabali mafutshane alandelayo:

- 'Itutu laseTikitiki' nguLL Ngewu
- 'Umntu akalahlwa' nguLL Ngewu

Phendula YONKE imibuzo esetwe kumabali amafutshane owafundileyo.

### UMBUZO 6

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kumabali amaBINI uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo oziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 6.1 noMBUZO 6.2.

6.1 **'ITUTU LASETIKITIKI' – LL NGEWU**

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA K**

UMdesalini uye kwinqununu yesikolo ukuya kukhalazela esi senzo sityhulu kangaka. Inqununu yothukile ukuva ukuba umntwana welungu lekomiti, nalungu usihlalo wekomiti, uhlala phandle ngexesha lokufunda. Ibizelwe e-ofisini le titshalakazi yebanga lesithathu yabuzwa ngesi senzo:

> '*Hayi, mhlekazi, uyageza umntwan' omntu. Ndithi ndifundisa nje <u>abe egigitheka</u> yena yintsini. Ndabona ke, mhlekazi ukuba endaweni yokuba ndingabi nathuba laneleyo lokufundisa abantwana abangamashumi amathandathu ngenxa yomntwana nje omnye ogezayo kungcono ndimkhulule lo ugezayo ndishiyeke naba bazimisele ukufunda.*'
>
> '*Kutheni ke, MaNgwanya, ungandixelelanga nje ukuba unengxaki enje kwigumbi lakho lokufundisela? Uyayazi phofu ukuba uyise walo mntwana uhlala phaya phandle ngusihlalo wekomiti yesi sikolo?*'
>
> '*Lo mntwana egeza nje kanti ugeziswa kuba uyise engusihlalo wekomiti? Koku kugeza kwakhe ngaba uthunywa nguyise lo? Nakuba ndingenathuba lide nje kwinkonzo yobutitshala, ndiyaqala ukudibana nomntwana ondenza qho ndicinga ukuza esikolweni ndizive ndimadol' anzima, ndingaqinisekanga ukuba le njubaqa iza kuphuma phi na.*'

Kwesi sithuba kungenelele uMdesalini edubulekile ngelithi, 'Jola, sendivile ukuba unguJola. UThobile umka ekhaya yonke imihla esiza esikolweni. Njengonozala bendicinga ukuba xa ngaba umntwana wam akayenzi into ekufuneka eyenzile, neyenziwa ngabanye abantwana, mna njengomzali ndifanel' ukuxelelwa.'

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



6.1.1 Xela ukuba wayeyokwenza ntoni uMdesalini e-ofisini yenqununu. (1)

6.1.2 (a) Lisixelela ntoni ngoThobile igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa? (2)

(b) Xela ukuba liqulethe owuphi umfanekiso-ngqondweni. (1)

6.1.3 Ngqina ngolwazi olusencwadini ukuba bakho abantu ababekhe bachaphazeleka bubusela bukaThobile. (2)

6.1.4 Xela izinto eziMBINI ezenziwa ngamapolisa aseNgqeleni malunga namasela ayeziswe ngusibonda. (2)

6.1.5 Xela isiganeko esabangela ukuba uThobile athunyelwe kwisibhedlele sabantu abagula ngengqondo nesiphumo sokuthunyelwa kwakhe esibhedlele kubomi bakhe.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Isiganeko (1)

(b) Isiphumo saso kubomi bukaThobile (2)

6.1.6 Cacisa indima kaMdesalini kwimfundo kaThobile. (2)

6.1.7 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli uze uyixhase.

UThobile ungumlinganiswa (osicaba/ongqukuva) kweli bali. Xhasa impendulo yakho. (3)

6.1.8 Nika umxholwana ovelayo kwesi sicatshulwa. (2)

**KUNYE**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



6.2 **'UMNTU AKALAHLWA' – LL Ngewu**

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA L**

Umke uTyhobeka nolo sapho engacelanga nendlela imcacele into yokuba le iza kuba yimhemhe yakhe. Ezi ntombi zihleli iiveki zantathu eTsilithwa kwabonakala ukuba uTyhobeka nosapho lwakhe bayasindwa nabo lolu sapho. Ezi ntombi zithe zakubona ubunzima beli khaya zagqiba kwelokuba ziye kudade kuThandile eMpheko zinzima zinjalo. Apho eMpheko zifike zingalindelwanga. Unge angasothula isikhalo uThandile exakiwe ukuba uza kuluthini usapho olungaka.

Zinwenwe ilali yonke iindaba zetitshalakazi ebekucaca ukuba igumbi eqashiselwe lona eMpheko liyindawo yokubelekela abakhulelweyo. Abantu abafundileyo bakhawuleza bampha igama lokuba ngu-*Midwife*. Ezinye iititshalakazi bezimenza isigculelo zisithi wayefanele ukuba ufundele ubongikazi angabunkatsheli. UThandile ebengonwabanga esikolweni, kanti naxa ebuyile esikolweni ebengonwabi kuba ubesoloko engumntu onexhala lokuba kwinto etyiwayo uza kuthatyathwa ntoni idityaniswe nantoni. Elona xhala ibikukuba <u>ukuvela kwazo ezo ntsana zimbini ziza kuxhomekeka kuye kanti noonina bazo ngokunjalo</u>.

Intombi kaMathidala itsale nzima kakhulu kangangokuba nakuba ibiphangela nje, akukho nto ibidiza ukuba ngumntu owamkelayo. Eyakhe imali ebeyicukuceza ayicukuceze kude kungasali kwanto. Inyanga ibiphela kungekho nesepha le yokuhlamba ubuso. Mhla babeleka oodade wabo kwaba nzima kakhulu kuThandile.

6.2.1 Ngubani igama lenye yeentombi zikaMathidala ezaziyokucelelwa eyakhulelwa emva kokuba uThandile ekhulelwe? (1)

6.2.2 Xela injongo yokuba uTyhobeka aye kudibana noMathidala. (2)

6.2.3 Ewe okanye Hayi. UMathidala waye wazixolela iintombi zakhe xa zaziye kucelelwa uxolo nguTyhobeka. (2)

6.2.4 Ingaba kwenzekile oku kuthethwa kule nkcaza ikrwelelwe umgca ngaphantsi? Xhasa impendulo yakho ngolwazi lwebali. (2)

6.2.5 Xela izenzo zikaThandile zibe MBINI ezibonisa ukuba wayebakhathalele oodadewabo. (2)

6.2.6 Ngqina ngolwazi lwebali ukuba kukho impixano yangaphandle ephakathi kukaMathidala neentombi zakhe. (2)

6.2.7 Siyakholeleka okanye asikholeleki isimo somlinganiswa onguMathidala kweli bali? Xhasa impendulo yakho. (2)



SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



6.2.8 Xela impazamo ayenzileyo uMaMthi kweli bali, uze ucacise indlela eye yabuchaphazela kakubi ngayo ubomi bakhe.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Impazamo eyenziwe nguMaMthi. (1)

(b) Indlela eye yabuchaphazela ngayo kakubi ubomi bakhe. (2)

6.2.9 Nika uphawu lube luNYE olubonisa ukuba eli libali elifutshane. (1)

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**



SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ICANDELO D: ISIHOBE

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kule mihobe ilandelayo:

- 'Nyakandini we-1994' nguLE Menze
- 'USEK Mqhayi' nguS Maputi

Phendula YONKE imibuzo ekwimibongo oyifundileyo.

**UMBUZO 7: *IVAMNA BAFAZI BOLUSU* – S Maputi nabanye**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule mihobe uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuyo yomiBINi imibongo oyifundileyo, oko kukuthi UMBUZO 7.1 noMBUZO 7.2.

7.1 Funda lo mbongo ulandelayo uze uphendule imibuzo.

**NYAKANDINI WE-1994 – LE Menze**

Nyakandini unezimanga!
Nyakandini owahluba ingubo kumadlagusha!
Nyakandini unezothe nomdintsi kumadlagusha!
Nyakandini wenkululeko kumzi oNtsundu!

Lo nyaka wasizela nenkululeko,
Viva Mzantsi Afrika, Viva!
Wa**si**zela nomongameli omnyama.
Viva Rholihlahla Mandela, Viva!

Le nto iyipolitiki madoda inzima,
Ayinzimanga nje imdaka.
Le nto iyipolitiki madoda ngumdlalo,
Asimdlalo nje imdaka.

Ndithi beka indlebe ndikutyele,
Ndikutyele ukutya kweendlebe.
Hayi! Umhla wama-27 kuApreli 1994.
Bathi xa beyibiza le nyanga nguTshazimpuzi.

Yiva! Mamela, umamelisise,
Xa uza kuphakelwa ngale nyanga,
Xa uza kuchutyelwa ngale mini,
Imini eyeza nochulumanco komdaka.

Abanye ngale mini baqumba bazizifu,
Abanye ngale mini balila iinyembezi zegazi.
Madoda! Akumnandi ukuhlutywa ingubo uyiqhelile!
Akumnandi ukuhluthwa inqatha emlonyeni!

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



7.1.1 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Igama 'nyakandini' elikumqolo woku-1 lisetyenziselwe (ukuncoma/indelelo/ukugxeka). (1)

7.1.2 Nika into ibe NYE ekuthiwa unazo unyaka we-1994 kumadlagusha kwistanza soku-1. (1)

7.1.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Igama, 'ingubo' elikumqolo wesi-2 lisetyenziswe ...

A njengesifaniso.
B njengesihlonipho.
C njengesimntwiso.
D njengomelo. (1)

7.1.4 Khankanya izinto eziMBINI ezize nonyaka we-1994 ngokwestanza sesi-2. (2)

7.1.5 Nika ithoni edalwa sisikhahlelo, 'viva' kwistanza sesi-2. (1)

7.1.6 Cacisa okuthethwa yimbongi ngepolitiki kumhlathi wesi-3. (2)

7.1.7 Nika isithethantonye segama elibhalwe ngqindilili kulo mqolo ulandelayo.

Ndithi beka indlebe <u>ndikutyele</u>. (1)

7.1.8 Xela isixhobo sesandi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kulo mqolo ungezantsi, uze uxele nomsebenzi waso.

Ndi<u>k</u>utyele u<u>k</u>utya <u>k</u>weendlebe. (2)

7.1.9 Nika injongo yokusetyenziswa kwezithethantonye kulo mqolo ulandelayo.

Yiva! mamela umamelisise. (2)

7.1.10 Ngcinga ni ebethelelwa luphindaphindo olukule miqolo ingezantsi.

<u>Abanye</u> <u>ngale</u> <u>mini</u> baqumba bazizifu
<u>Abanye</u> <u>ngale</u> <u>mini</u> balila iinyembezi zegazi. (2)

7.1.11 Lulophi udidi lo mbongo olu? Xhasa impendulo yakho. (3)

**KUNYE**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



7.2 Funda lo mbongo ulandelayo uze uphendule imibuzo.

**USEK MQHAYI – S Maputi**

Ewe! Mfo waseNtabozuko!
Kwabingwa ngawe usesesizalweni,
Waphawulwa njengenkonyana yohlanga,
Ebucaka bukukuphipha isizwe,
Isihloniphe ngosiba nentetho.

Okunene akuphoxisanga;
Usesebeleni kunyoko,
Wabonakalisa ubunkokeli.
Watyekeza amagama,
Uphothulelwa isigama.

Imigudu yakho yolwimi siyiqondile,
Mfo waseNtabozuko isiXhosa usikhonzile,
Ngemfundiso yakho esizweni sivile,
Esikolweni nasenkonzweni sifundile,
Enkosi ngokushicilela iintetho zamaciko,
Awexesha lakho nawamhla-mnene,
Ungakhethe bani uqalela komkhulu.

Akusibandezelanga ngokuphiwa kwakho,
Watyibela wabonga wabhala ngako,
Ngeziqebheyi zesizwe noluntu lwakho,
Mna ndithetha nangetyala lamawele,
Ngemikhosi yemidaka neemfazwe,
Kolo gqodozo ndiqukanisa nebhayibhile,
Kunamhlanje nje noMhobe weSizwe.

UMqhayi waseNtabozuko washoba,
Ngokuphela kwehlabathi nobuntu ebantwini,
Wasilumkisa ngentshabalalo namagwangqa,
Watsho nokuthi inkolo iza kubudleza ubukhosi,
Phofu iphutha ikukuswela ukwazi esizweni,
Nomthetho nenkcubeko yaseNtshonalanga.

7.2.1 Xela ulwazi esiluxelelwa ngoMqhayi kumqolo woku-1. (1)

7.2.2 Cacisa okuthethwa ngulo mqolo ungezantsi ngokubhekiselele kuMqhayi

Isihloniphe ngosiba nentetho. (2)

7.2.3 (a) Nika isafobe esifumaneka kwistanza sesi-2 sisonke. (1)

(b) Xela ukuba siveza ntoni ngoMqhayi. (2)

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



7.2.4 Xela isixhobo sesandi esikrwelelwe umgca kwistanza sesi-3 unike nomsebenzi waso. (2)

7.2.5 Ngeengongoma eziMBINI, nika umongo wesitanza sesi-3. (2)

7.2.6 Xela iincwadi eziMBINI ezibhalwe ngulo kaMqhayi ezikhankanywe kwistanza sesi-4. (2)

7.2.7 Xela injongo yokuba imbongi isebenzise isilanduli 'akusibandezanga' kulo mqolo ulandelayo.

Akusibandezanga ngokuphiwa kwakho. (2)

7.2.8 Ngqina ngolwazi olukwistanza sesi-5 ukuba uMqhayi ebekwayimbongi yomthonyama. (1)

7.2.9 Xela ukuba unjani umoya otyalwa yimbongi kulo mbongi. Xhasa impendulo yakho. (2)

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**



SA EXAM PAPERS
Proudly South African